Yintoni inkululeko yokunxulumana?

Inkululeko yokunxulumana lilungelo eliqinisekiswe kumgaqosiseko kubo bonke abantu boMzantsi Afrika kuwo nawuphi na umsebenzi, kuquka abaqeshi nabaqeshwa.

Inkululeko yokunxulumana iquka ukukwazi ukujoyina amaqela ngokukhululekileyo:

Amaqela ezemidlalo

Amaqela onqulo

Imanyano yabasebenzi

Inkululeko yokujoyina iimanyano zabasebenzi inokuphucula umsebenzi ngokuthi

Ivulele abaqeshi nabaqeshwa ukuba bathethe bavakale

Ilungiselele ukuba kuqeqeshwe abaqeshwa, ibanika ithuba lokuba bafunde umsebenzi ngokukhawuleza

Ithintelae ugwayimbo nezithintelo

Ikhuthaze ukuphucuka kwendlela abasebenza ngayo abaqeshwa

Abaqeshi bafanele baqinisekise ukuba

- Banomgaqonkqubo obhaliweyo ngenkululeko yokunxulumana
- Abaqeshwa abaphathwa kakubi xa bekhetha ukunxulumana ngokukhululekileyo
- Bonke abaqeshwa bayalazi ilungelo labo lokunxulumana ngokukhululekileyo
- Kubakho uthethwano phakathi kwabaqeshi nabameli, kungekhona abaqeshwa ngabanye
- Xa abaqeshwa bekwimanyano, kubekho iinkqubo ezizizo zokufikelela kwizivumelwano

Abaqeshwa abakwiimanyano bafanele baqinisekise ukuba

- Ummeli/abameli bemanyano yabasebenzi banyulwe ngokwentando yesininzi
- Ugwayimbo lwenziwa kuphela njengento yokuncamela, emva kokuba kusilele zonke ezinye iindlela zokuzinzisa iingxwabangxwaba
- Kubakho uthethwano phakathi kwabaqeshi nabameli, kungekhona abaqeshi ngabanye
- Kuyathethwa kuze kuvunyelwane ngumntu wonke

wieta
Wine and Agricultural Ethical Trade Association